

Ukuphila Ithemba Lokufika



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

Luka 18:1–8; Mateyu 24–25; 1 Kor. 15:12–19; Intsh. 8:14; 12:13, 14; IsiTy. 21:1–5; 22:1–5.

Indima Yenkumbulo:

“Ngoko ke, bazalwana bam abaziintanda, qinani, ningabi nakushukuma; nihlale niphuphuma umsebenzi weNkosi, nisazi nje ukuba ukubulaleka kwenu akulambathi eNkosini” (*1 Korinte 15:58*).

UYesu wabuvakalisa ubukumkani bukaThixo njengenyaniso yeli xesha kangangokuba singayinxalenye yabo namhlanje. Wabathuma abafundi baKhe ukuba benze eso saziso sinye baze babenze ubukumkani baKhe ngokushumayela igospile nokunceda abanye; oko kukuthi, ngokupha ngokukhululekileyo njengoko bazuzayo (jonga uMat. 10:5–8). Kanti ke uYesu wayekwacacisile ukuba ubukumkani baKhe babuluhlobo olwahlukileyo lobukumkani—“obungebubo obeli hlabathi” (Yohane 18:36, NIV)—kanti ke buza buphelele. Ngokuba yinyama kwaKhe, ulungiselelo, ukufa, nokuvuka, ubukumkani bukaThixo babuya kuthabatha ngokupheleleyo indawo yezikumkani zalo mhlaba, ukuze ulawulo lukaThixo lwenziwe luphelele. Ngokuchazwa, ama-Adventists—abo balindele oku kufika nobu bucumkani-angabantu bethemba. Phofu, eli themba alikho kuphela ngelizwe elitsha elizayo. Ngoku ithemba likhangele kwixesha elizayo, ithemba litshintsha ixesha langoku. Kuba sinthemba elinjalo, siphila kwixesha langoku ngohlobo esilindele ukuba siya kwenjenjalo kwixesha elizayo, saye siqala ngoku ukusebenza ukwenza umahluko ngeendlela eziya kungena twatse kwinto esilindele ukuba ilizwe liya kuba yiyo ngenye imini.

**Funda isifundo sale veki ulungiselela iSabatha kaSeptemba 14.*

“Koda Kube Nini, Nkosi?”

Kulo lonke ibali leBhayibhile, kukho ubizo oluphindwa rhoqo oluvela kubantu bakaThixo-ngakumbi abo basebukhobokeni, elubhacweni, kwingcinezelo, ekuhluphekeni, okanye nakwenye intswela-bulungisa-ukuba uThixo angenelele. Amakhoboka eYiputa, amaIsrayeli eBhabheli, nabanye abaninzi bakhala kuThixo ukuba abone ave ukubulaleka kwabo nokuba alungise ezi mposiso. Kanti iBhayibhile inika imizekelo ebalulekileyo yezenzo zikaThixo ukuhlangula nokubuyisela abantu baKhe, maxa wambi abaphindezele kubacinezeli neentshaba zabo. Sekunjalo, oku kuhlangulwa kwakukokwexesha elifutshane, kwaye abaprofeti abohlukeneyo baqhubeka besalatha phambili ekungeneleleni kokugqibela, xa uThixo aya kubuphelisa ububi abaphakamise abaxinzelelwa phantsi. Kwangelo xesha linye, aba baprofeti baqhubeka nesikhalo, “Koda kube nini, Nkosi?” Umzekelo, ingelosi kaYehova yabuza ngokuthinjwa kwamaIsrayeli, “Yehova wemikhosi, koba nini na ungasikwa yimfesane wena”? (Zek. 1:12).

Iindumiso zizele zizikhalo ngokubonakala kuyimpumelelo nokulungileyo kwabakhohlakeleyo lo gama amalungisa ephethwe kakubi, exhathazwa, ehluphekile. Umdumisi uzingisile ukubiza uThixo ukuba angenelele, ethemba ukuba ihlabathi ngoku alilawulwa ngendlela uThixo awayidalayo okanye ayinqwenelayo, watsho eqhubeka nesikhalo sabaprofeti abacinezelweyo. “Koda kube nini na Yehova?” (jonga, umzekelo, iNd. 94:3–7). Ngandlela ithile, intswelo-bulungisa kunzima kakhulu ukuyithwala phakathi kwabo bakholelwa kuThixo olungileyo nonqwenelela ubulungisa bonke abantu baKhe. Abantu bakaThixo baya kusoloko beziva bengenawo umonde ngobubi obusemhlabeni-nokubonakala kokungathi uThixo akenzi nto kukwalelinye ijelo lokungabi namonde. Kungoko, kukho imibuzo ebukhali yabaprofeti: “Kunini na, Yehova, ndizibika, ungeva; ndikhala kuwe ndisithi, Ugonyamelo, ungasindisi?” (Hab. 1:2). Isikhalo esifanayo siyaqhutywa kwiTestamente eNtsha, apho nendalo ngokwayo izotywe incwina ukuba uThixo ahlangule adale ngokutsha (jonga uRoma 8:19–22). KwisiTyhilelo 6:10, esi sikhalo—“Koda kube nini na, Nkosi?” – senziwa ngenxa yabo babulawelwa ukukholwa kwabo kuThixo. Ikwasisikhalo esinye, sibiza uThixo ukuba angenelele ngenxa yabantu baKhe abacinezelwayo batshutshiswe.

Funda: Luka 18:1–8. Uthini apha uYesu ngokusabela kukaThixo kwizikhalo eziphindaphindwayo nemithandazo yabantu baKhe ukuba asebenze ngenxa yabo? Kuqhagamshelene njani oku nokudingeka kokholo?

Uhlobo Oluthile Lwethemba

Inkolo isoloko igxekwa kuba ikholisa ukutsalela amakholwa kude ebomini balapha ngoku ibasa kubomi obungcono basemva kokufa. Isigxeko sesokuba ukujonga kwenye indawo kusuka kube yindlela yokwanelisa ukuphepha nokulinika ikholwa okuhle okunganano kokomhlaba nasekuhlaleni. Ngamanye amaxesha, amakholwa aye azenza amaxhoba ezigxeko ezinjalo, maxa wambi ade azikhulise, azishumaye, azenze iingqondo ezilolo hlobo. Kanti ke, sikwanayo imizekelo emibi yabo basegunyeni abaxelela amahlwepu nabacinezelweyo ukuba bayamkele imeko yabo elusizi ngoku kuba, xa uYesu ebuya, konke kuya kulunga. Kunjalo, ilizwe lethu liwile, laphukile, liyindawo enengozi-kwaye akukho nto imbi okanye esecaleni ekunqweneleni ixesha uThixo aya kuwumisa kakuhle umhlaba; xa aya kuzisa isiphelo kwintswelo-bulungisa, kwintlungu, nosizi; naxa aya kumisa endaweni yesiphithiphithi esikhoyo ubukumkani baKhe obunozuko nobulungisa. Ngapha koko, ngaphandle kwethemba, ngaphandle kweso sithembiso, ngokwenene, asinalo, konke konke, ithemba. Kwintshumayelo yaKhe engokuphela kwehlabathi (jonga kuMateyu 24 nama-25), uYesu wachitha isiqingatha sokuqala sentetho yaKhe ecazulula isidingo sokusinda, ade afike kwindawo apho athi “ukuba loo mihla ibingayi kunqanyulelwa, bekungekho noyedwa oya kusinda” (Mat. 24:22, NIV). Kanti ke, oku kungaphezulu kwentshayeleyo yokuchaza kwaKhe ngokubaluleka kwezi zithembiso zikaThixo. Ukujonga kuphela-okanye phambili-kwicala “lokusinda” lethemba lomKristu kwixesha elizayo kukuziphosa ezinye iindawo ezinzulu awayezibeka uYesu.

Funda: Mateyu 24 and 25. Zeziphi iingongoma ezibaluleke kakhulu [ozifumeneyo] ekuyifundeni kwakho le ntshumayelo kaYesu? Ungazishwankathela njani iimfundiso zikaYesu ezingindlela emasihlale ngayo njengoko silindele ukubuya kwaKhe?

Esikholelwa kuko ngekamva kunento ebalulekileyo okuyithethayo ngendlela esiphila ngayo ngoku. Ukuxhomekeka okunempilo kumadinga kaThixo ngoko anako ngelizwe lethu lexesha elizayo kumele ukuba yinkuthazo yokusebenza ngamandla, intlantsi yobomi obutyebileyo nobunzulu obenza umahluko kwabanye.

Singenza, saye simele ukwenza njani isithembiso sokubuya kukaYesu ukuba negalelo kwindlela esiphila ngayo ngoku, ngakumbi kwimeko yokunceda abo banentswelo?

Ithemba Lovuko

Ithemba lamaKristu ekubuyeni kwesibini kukaYesu alikuko ukukhangela phambili nje kwikamva eliqhakazileyo. KumaKristu okuqala, ukuvuka komzimba kukaYesu Kristu kwanika isithembiso sokubuya kwaKhe ukuqiniseka okuqinileyo. Ukuba wabuya kwabafileyo-nto leyo abazibonelayo-ngokuqinisekileyo wayeya kubuya ukuza kugqibezela iprojekthi yokususa isono negalelo laso enze mtsha umhlaba (jonga u-1 Kor. 15:22, 23). Kumpostile uPawulos, uvuko yayisisiqalelo sesitshixo sethemba lokuBuya. Wayekulungele ukubeka konke ukuthembeka koko wayekushumayela phezu kwalo mmangaliso mkhulu ebalini likaYesu: “Ukuba uKristu akavukanga, loba luyinto engeyanto ukholo lweni” (1 Kor. 15:17). Cinga ngamazwi wakhe apha nendlela okubaluleke ngayo ukuvuka kukaKristu kubo bonke, esikulindele ngethemba.

Funda: 1 Korinte 15:12–19. Ubungayichaza njani kongakholwayo onomdla ukuba inyaniso yovuko iyintsika yethemba lomKristu?

Ukubona uYesu ovukileyo kwabaguqula abafundi bokuqala. Njengoko sibonile, uYesu ngaphambili wayebathumile ukuba baye bavakalise babuphile ubukumkani bukaThixo (jonga kuMat. 10:5–8), kodwa ukufa kukaYesu kwasityumza isibindi sabo kwawantlekeza amathemba abo. Ukuthunywa kwabo kwamva (jonga kuMat. 28:18–20), okwanikwa nguYesu ovukileyo kwanikwa amandla kukufika kukaMoya Oyingewele (bona IZenzo 2:1–4), kwabafaka endleleni yokuliguqula ihlabathi nokubuphila ubukumkani uYesu awabumisayo. Ekhululwe kwigunya nokoyika ukufa, amakholwa okuqala aphila abelana (ukuvangela) ngesibindi egameni likaYesu (jonga, umzekelo, u-1 Kor. 15:30, 31). Ububi obuzisa ukufa ikwabubo obo bubu buzisa ukubulaleka, inkohlakalo, ubuhlwempu, nengcinezelo ngazo zonke iindlela zazo. Kanti ke, ngenxa kaYesu noloyiso lwaKhe phezu kokufa, konke oku, ngenye imini, kuya kuphela. “Utshaba lokugqibela oluya kubhangiswa kukufa” (1 Kor. 15:26).

Ekupheleni, nokuba ngubani esimncedileyo ngoku, uza kufa nakanjani. Isifundisa ntoni le nyaniso ilukhuni ngokubaluleka kokwenza ukuba abanye bazi ngethemba abanokulifumana ekufeni nasekuvukeni kukaYesu?

Ithemba Lomgwebo

Funda: Intshumayeli 8:14. Kungaziphi iindlela othi ubone ubunyaniso obuphandle nobunamandla boku kubhaliweyo apha?

Ngoku ukubulaleka, incinezelo, nentlekele zinzima ngokwaneleyo ukuba zithwalwe zona ngokwazo, ukulimala okanye ukugculelwa kunzima ngaphezulu xa kungenantsingiselo okanye kungaqaphelekanga. Ukungabi nto okunokubakho kwentlungu kunzima ngaphezu komthwalo wayo wasekuqaleni. Ilizwe elingenayo ingxelo okanye ubulungisa ekugqibeleni liphezulu kwinqwanqwa lobudenge benkohlakalo. Akumangalisi ukuba ababhali abangakholelwayo kuThixo benkulungwane yama-20 bakhale ngento abakholelwa ukuthi “bubudenge” bemeko yomntu. Ngaphandle kobulungisa, kungekho themba lomgwebo, kungekho themba lokuba izinto zingalunga, elethu, ngokwenene, liya kuba lilizwe lobudenge. Kanti ke, sona isikhalo seNtshumayeli 8:14 asisiso isiphelo sebali. Ekupheleni kokukhalaza kwakhe, uSolomon ujika ngokukhawuleza. Phakathi kwizikhalo zakhe ngamampunge, uthi, ngokufanelekileyo: Yima kancinane, uThixo uza kugweba, ngoko ke, yonke into ayingamampunge; kakuhle, ngoku yonke into naye wonke umntu ubalulekile.

Funda: Intshumayeli 12:13, 14. Kusixelela ntoni oku ngendlela ekubaluleke kakhulu konke esikwenzayo apha?

Ithemba lomgwebo lihla lize kwinto ubani ayikholelwa ngento ayiyo uThixo, ubomi, nehlabathi esihleli kulo. Njengoko sibonile, iBhayibhile imile kwinto yokuba sihleli kumhlaba uThixo awawudalayo nawuthandayo, kodwa umhlaba owaphum’ endleleni nathi kuwo uThixo asebenzele ukufika kwiicebo laKhe lokuwudala ngokutsha, konke ngobomi nokufa kukaYesu. Umgwebo kaThixo udlala indawo ephambili ekumiseni umhlaba wethu ngendlela. Kwabo bazizisulu zokuchanwa zizinto ezingahambi kakuhle zomhlaba-abo bebebekelwe bucala, behlukunyezwa, becinezelwe, bexhatshazwa-kubo, kuqinisekile ukuba isithembiso somgwebo ngokuqinisekileyo ziindaba ezimnandi.

Kuthetha ntoni kuwe ukwazi ukuba, ngenye imini, ngeendlela ongenako ukuzicinga, ubulungisa esisoloko sibulangazelela, ngoku buza kufika? Singathini ukuze sizuze ithemba kwesi sithembiso?

Akuyi Kubakho Nyembezi Nantlungu

Funda: IsiTyhilelo 21:1–5, 22:1–5 uchithe ixesha elithile uzama ukucinga ukuba bubomi obunjani obuchazwa apha. Kutheni le nto kunzima ukucinga ngobomi obungenasono, nokufa, nentlungu, kwaneenyembezi?

Iinkcazo zeBhayibhile zobomi bethu emva kwesono ngokungathandabuzekiyo ziyamangalisa zaye ziqaqambile, kwaye zingayibeki ncasasana into esilindeleyo. Nakwezi ndima, iinkcazo zisondela ekuthetheni ngento engayi kubakho apho kuneya kubakho. Xa eli lizwe ikuko konke esithe sakwazi, kumele kube nzima ukucinga ngobomi obungenantlungu nokubulaleka, ukufa nokoyika, ukungabikho kobulungisa nobuhlwempu. Akuyi kwanela nje ukungabikho kwezi zinto, kodwa le nkcazo yongeza nokuchukumisa umntu: “Uya kuzisula zonke iinyembezi emehlweni abo” (IsiTy. 21:4, NIV). Kwimeko yabo basindisiweyo, imfesane kaThixo kwabo baye baphatheka kakubi kuyo yonke imbali yoluntu ifikelela kuvutho-ndaba kwesi sivakalisi sinye. Asaneli kuzisa isiphelo ekubulalekeni kwabo, kodwa Yena ngokwaKhe uyazisula iinyembezi zabo.

Singqushwe sanezinxenxe bubomi besono nomhlaba onentswela-bulungisa nentlekele, sibona kwisiTyhilelo ukurhesha kwinkqubo yokuphiliswa kwethu sonke thina babengamaxhoba esono ngeendlela ezahLukaneyo. Echaza umthi wobomi, uYohane uxela ukuba “amagqabi omthi angawokuphilisa iintlanga” (IsiTy. 22:2, NIV). Kwakhona, uThixo ubonisa indlela aqonda ngayo nabanemfesane ngayo kokuthethwa kukuba ngumntu, ukuziva, ukuxhamla, ukubona, nokuba yinxalenye kububi balo mhlaba. Icebo laKhe lokudala ngokutsha lo mhlaba wethu liquka ukubuyisela nokuphilisa umntu ngamnye kuthi. Kude kube lelo xesha, sizama ukuba kuko konke esinako ukuba kuko kuKristu, senze indawo yethu, nokuba zineempazamo, zincinane zinjalo, yokulungiselela kwabo basingqongileyo abadinga oko sinokubanika kona. Nokuba yintoni-amazwi obubele, isidlo esishushu, uncedo lonyango, umsebenzi wamazinyo, impahla yokunxiba, ukululeka-nokuba yintoni esinokuyenza sinothando lokuzincama awalubonakalalisayo uYesu ngexesha wayelapha.

Phofu ke, ilizwe lisaza kuba libi ngakumbi nangakumbi, sesenze eyona mihle imizamo. UYesu wayeyazi loo nto; kodwa kunjalo, le nyaniso ayizange imnqande ekulungiseleleni kwabanye, kwaye ayimele kusinqanda, nathi.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Ukubizelwa Kumgangatho Ongentla,” amaph. 255-265 IZenzo Zabapostile; “Ukuphanziswa Komhlaba,” amaph. 661-669, *Imbambano Enkulu*. “Xa ilizwi likaThixo libuyisa ukuthinjwa kwabantu baKhe, kukho ukuvuka okoyikekayo kwabo babelahleke kuko konke kungquzulwano olukhulu lobomi. Lo gama inceba iqhubeka, babemfamekiswa ziinkohliso zikaSathana, baza bayithethelela indlela yabo yesono. Abazizityebi bazigabisa ngokuba ngaphezulu kwabo babe ngenanto; kodwa ubutyebi babo babe bufumene ngokwaphula umthetho kaThixo. Bakutyeshela ukondla abalambileyo, ukunxiba abaze, ukwenza ngobulungisa, nokuthanda inceba. . . . Bathengise ngemiphefumlo yabo ngobutyebi bomhlaba nolonwabo, abakufuna ukuba nobutyebi ngakuThixo. Isiphumo kukuba ubomi babo busile; iziyolo zabo ngoku zijike zaba yinyongo, indyobo yabo yonakala.”—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, amaph. 661-662. “Imbambano enkulu iphelile. Isono naboni abasekho. Indalo yonke icocekile. KuLowo udale konke, kumpompoza ubomi nokukhanya nolonwabo, kuwo wonke ummandla wendawo engenamida. Kususela kweyona nto incinane kuse kwelona likhulu ihlabathi, zonke izinto, eziphilayo nezingaphiliyo, kubuhle bazo obungenasithunzi novuyo olugqibeleleyo, zivakalisa ukuba uThixo uluthando.” —Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, iph. 686.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Chaza indlela oko ukufundileyo kule veki kubonisa ngayo ukuba ubomi, apha ngoku, bubalulekile. Thelekisa oku nenkolo abanye abanayo yokuba asidingi kukhathazeka ngobu bomi kuba uThixo uza kubutshabalalisa aqale kwakhona. Singalumka njani, ukuba singasebenzisi le nyaniso yesithembiso sobukho obutsha ukutyeshela abo basweleyo (ngapha koko, ekupheleni, uThixo uya kulungisa konke)? Okubi kakhulu, singaqinisekisa njani ukuba asingabanye babo basebenzise le nyaniso ukuxhaphaza abanye?
2. Indlela ibandla lamaSeventh-day Adventist elisiqonda ngayo isiprofeto seBhayibhile ilindele ububi, imbandezelo, nokubulaleka ukuba kwande xa siya sisondele ekubuyeni kukaYesu. Xa kusenzeka izinto ezinjalo, sikhohlisa ukuthi sibheke kuMateyu 24. Sifanele ukuba sizijonge njani iintlekele ngokukaMateyu 25?

Isishwankathelo:

UTHixo wethu akasayi kubuvumela ububi ukuba buqhube ngonaphakade. Ithemba elikhulu leBhayibhile kukubuya kukaYesu ezisa ukuphela kobubi, ukuphilisa ukungabikho kobulungisa nokudala umhlaba omtsha njengoko wawufanele ukuba ube njalo. Kuba lakhelwe phezu kokuvuka kukaYesu, eli themba liyayiguqula imini yanamhla linike isibindi ekusebenzeleni kwethu uThixo kunye nabanye lo gama silindele ukubuya kwaKhe.